



Umgaqo-nkqubo Wothabatho-nxaxheba Koluntu

IZIQULATHO

1.	Isingeniso	3
2.	Igunya ElingokoMgaqo-Siseko KooRhulumente baseMakhaya lothatho-nxaxheba	3
3.	Ingcaciso Yoluntu	3
4.	Ixabiso lothatho-nxaxheba Koluntu	4
5.	Uthatho-nxaxheba loluntu Lusionyanzelo	4
6.	Indlela uluntu olunokuthi luthabathe inxaxheba ngayo	4
7.	Lwenzeka nini uthabatho-xaxheba loluntu	5
8.	Amanqanaba othatho-nxaxheba koluntu	5
	8.1. Ukwaziswa koluntu	6
	8.2. Uqhanqalazo	6
	8.3. Ufuno luvo	8
	8.4. Ukuba negalelo kuthatho-zigqibo kumasipala	8
9.	Ulwalathiso ngokuphathelene nothatho-nxaxheba koluntu	9
	9.1. Ukwenziwa kweIDP	9
	9.2. Ukwenziwa koMgaqo-Nkqubo	11
	9.3. Ukwenziwa kohlahlo-lwabiwo mali	11
10.	Abantu Basembindini Wophuhliso (Umqokumbelo	12
11.	Ukuphunyezwa noKwamkelwa	12

1. Isingeniso

Lo Mgaqo-Nkqubo usisikhokhelelo sendlela uthatho-nxaxheba loluntu oluya kwenziwa ngayo kule ngingqi kaMasipala waseLangeberg owakhelwe phezu koMgaqo-Nkqubo osiSalathiso zoThabatho-Nxaxheba loLuntu kuZwelonke. Ukwaxhasa nesimbambathiso sikaRhulumente kaZwelonke sokuqinisekisa ulawulo-lwesininzi olomeleleyo, nolusekelwe kuMgaqo-Sisekelo woMzantsi Afrika (RSA) ka1996 ngaphezu kwako konke ubonelela ngothabatho-nkxaxheba olubandakanya abantu basekuhlaleni.

Iphepha Eliphathelene noRhulumente baseMakhaya lithi:

“Oomasipala abasaphuhlayo bazibophelele ekusebenzeni nabahlali kunye namaqela oluntu ukufamana iindlela ezizinzileyo zokuhlangabezana neemfuno zokuhlala, nezoqoqosho, nezinye iimfuno zokuphila ukuze kuphuchulwe umgangatho wobomi babo.”

Uqhubeka uthi: “Oomasipala kufuneke baqulunqe iindlela ezithi ziqinisekise ukuba abahlali bathabatha inxaxheba ekuvelisweni komgaqo-nkqubo....ukuqaphela kunye nokuhlolisisa inkqubo yokuthatha-isigqibo kunye kwa nokufakwa kwaso kwintsebenzo.”

2. Igunya ElingokoMgaqo-Siseko KooRhulumente baseMakhaya Bokuqhelisela Uthatho-nxaxheba

Indima yoomasipala ngokusekelwe kuMgaqo-Siseko yile:

- a) Ukubonelela ngoburhulumente bolawulo lwesininzi nobukwaziyo ukuziphendulela kuluntu lwalo ndawo;
- b) Ukuqinisekisa ngobonelelo lweenkonzo kuluntu lwalo ndawo;
- c) Ukukhuthaza uphuhliso ngokwentlalo nezoqoqosho
- d) Ukukhuthaza indawo yokuhlala ekukhuselekileyo nesempilweni; kunye
- e) Nokukhuthaza ukuzibandakanya koluntu kunye nemibutho yoluntu kwimiba yoRhulumente basaMakhaya.

3. Ingcaciso Yoluntu

“Uluntu lwasekuhlaleni okanye uluntu”, ngokokuphathelene nomasipala kuthetha iqela labantu ababandakanya:

- a) abahlali kulomasipala
- b) abahlawuli berhafu kulomasipala
- c) nayo nayiphi imibutho yasekuhlaleni kunye nemibutho engekho phantsi korhulumente, amaziko abucala okanye imibutho yabasebenzi okanye amaqela asebenze nabahlali kulomasipala; kunye
- d) lindwendwe kunye nabanye abantu abahlala ngaphandle kwemida kamasipala abathi, ngenxa yobukho babo kule ngingqi kamasipala bathi basebenzise iinkonzo namaziko

abonelelwa ngumasipala, kuquka, ingakumbi, abahluphekileyo kunye nabanye abantu abacinezelekileyo.

4. Ixabiso lothatho-nxaxheba koluntu

- a. Lizalisekisa ukubaluleka kolawulo-melo lwesininzi olusebenzayo.
- b. Likhuthaza abahlali ukuba babandakanyeke kwimicimbi yoluntu
- c. Likhuthaza abahlali bazinxulumanise namaziko karhulumente
- d. Likhuthaza abahlali ukuze bakwazi ukuziqhelanisa nemithetho ngoxa isenziwa.
- e. Liphuhlisa isidima sabo bathabatha inxaxheba ngokuthi izwi labo libenokuvakaliswa futhi libenokinikelwa ingqalelo.
- f. Likhuthaza umoya wolawulo-melo kunye nezimvozesininzi oluthi lwenze ukuveliswa kwemithetho enokwamkeleka lula sininzi sabantu
- g. Liqinisa ukwamkela kwemithetho emehlweni abantu.
- h. Lisebenza njengesithibazo ekwenziweni kwemithetho ngokufihlakeleyo luthintele nabo bazama ukuthundeza ezabo izimvo.

5. Uthabatho-nxaxheba loluntu luluxanduva lukamasipala

Umthetho weMunicipal Systems Act umchaza umasipala njengowakhiwe ngoluhlobo:

- a. Iikomiti zopolitiko
- b. Ulawulo; kunye
- c. Noluntu lwalomasipala

Lona uluntu luyinxalenye kamasipala. Ukwandisa umasipala uxanduva lokubandakanya uluntu kwinkqubo zothatho-zigqibo zakwamasipala. Kungesi sizathu uMthetho unika oomasipala uxanduva lokuba ibe njengesithethe into yolawulo olubandakanya uthabatho-nxaxheba.

6. Iindlela uluntu olunokuthi luthabathe inxaxheba ngazo

Ngokwemigaqo yeCandelo 17(1)(a) woMthetho we-Municipal System Act, iikomiti zopolitiko mayibe zizo eziququzelela iinkqubo zothabatho-nxaxheba loluntu. Umthetho uzicacisa 'iikomiti zopolitiko' njengeBhunga likaMasipala okanye nayiphi ikomiti okanye ikomiti yakwamasipala okanye nayiphina umbutho wendibaniselwano onyuliweyo, emiselwe okanye yonyulwa ngokomgaqo woMthetho we-Municipal Structures Act.

- a) iBhunga likaMasipala okanye iiKomiti
- b) OoCeba beWadi
- c) Iikomiti zeWadi
- d) Kunye nezinye iindlela, iinkqubo nemigaqo emiselwe ngumasipala

7. Kufuneka lwenziwe nini uthabatho-nxaxheba loluntu

Ayizizo zonke iintlobo zokuthathwa kwesigqibo ezidinga ukuba kulandelwe indlela efanayo xa kusenziwa uthabatho-nxaxheba loluntu. Ukususa intandabuzo malunga nokubaluleka kokuba kwenza uthabatho-nxaxheba loluntu okanye lungenziwa malunga nezigqibo okanye iinkqubo ezibalulekileyo zakwamasipalaigqibo ngumasipala, uMthetho oyi-Municipal Systems Act udweliswa uluhlu 'Iweziganeko' ezibalulekileyo kwamasipala ezibonakalisa ukubaluleka kothabatho-nxaxheba loluntu, ezo ziquka:

- a. Ukukwaxhiwa, ukwenziwa kunye nokuhlolwa kwe-IDP
- b. Ukukwaxhiwa, ukwenziwa kunye nokuhlolwa kwe-Performance Management System(PMS)
- c. Ukuqaphela kunye nokuhlolwa kwendlela umasipala asebenza ngayo, kuquka iziphumo nendlela aye abenegalelo ngayo (Ingxelo Yonyaka)
- d. Ukwenziwa kohlahlo-lwabiwo mali
- e. Isigqibo ngokuphathelene nokunikezelwa kwenkonzo esifana neSivumelwano seNdlela eziza kunikezelwa ngayo iinkonzo
- f. Ukuqulunqwa koMgaqo-Nkqubo
- g. Ukuyilwa komthetho kamasipala

8. Amanqanaba othabatho-nxaxheba loluntu

8.1. Ukwazisa Uluntu

- a. Izaziso ngentlanganiso zoluntu kufuneka zikhutshwe kumaphepha-ndaba oluntu, kwimbalelwano zakwamasipala, iwebhusayithi, kwibhodi yezaziso, okanye izaziso zingeniswe kumzi ngamnye. Nendlela yokuthunyelwa kwe-sms nayo yosetyenziswa kwabo bantu banombolo zabo zibhaliswe kuluhlu lwamagama kamasipala.
- b. Xeshikweni umasipala edlulisa lenkcazelo kuluntu umele aqwalasele ukuba loluphi na ulwimi oluthethwayo nolusetyenziswayo kuloo mmandla kamasipala kwaneemfuno ezikhethekileyo zabo bangakwaziyo ukufunda nokubhala.
- c. UCeba weWadi kunye neKomiti yeWadi kufuneka babambe iintlanganiso rhoqho ngeenyanga ezintathu (ngekota) ukwazisa uluntu malunga noku kulandelayo:
 - i. Umgama seluhanjiwe malunga nokwenziwa kwezoprojekti zonikezelo ngenkonzo ebezicwangciselwe lowadi;
 - ii. Imiganqo-nkqubo ephunyezwe libhunga likamasipala okanye leyo yamkelweyo ;

- iii. Baqonde ukuba zithini imfuno zoluntu ngokuphathelene nokunikezelwa kwenkonzo kulo wadi khonukeze kwenziwe izindululo kwibhunga likamasipala;
- d. Ulawulo luya kuncedisana noCeba weWadi kunye neKomiti yeWadi ngokuthi balungise ingxelo eyakunikezelwa kubantu kwezontlanganiso.
- e. Iinkcukacha malunga nendlela asebenze ngayo umasipala ingakumbi kwizicwangciso Zokunikezelwa Kweenkonzo Nokuchithwa Kohlahlo-lwabiwo Mali (SDBIPS) zofumaneka kwezo ntlanganiso, kwiwebhusayithi kamasipala, kumathala eencwadi kunye nakwii-ofisi zakwamasipala.
- f. Bonke abantu abaneemfuno ezikhethekileyo ezifana nabangakwaziyo ukufunda okanye ukubhala bofumana ukuncedwa ngabasebenzi bakwamasipala abakulo ntlanganiso.

8.2. Uqhanqalazo

- a. Umthetho oyiSystems Act uthi uluntu lwasekuhlaleni lunelungelo lokufaka ingxelo ebhaliweyo lenze izindululo okanye izikhalazo kwiBhunga likaMasipala, ikomiti kamasipala, uCeba okanye kwiOfisi yolawulo kamasipala. Umasipala umele enze inkqubo eyakulandelwa xa kusamkelwa amaxwebhu oqhanqalazo nezikhalazo.
- b. Imigaqo ephathelene nendlela yokusingatha uqhanqalazo:
 - i. Xa uluntu lunqwenela ukudlulisa uxwebhu lwezikhalazo kumasipala, kumele kwenziwe amalungiselelo afanelekileyo nalowo umele amkele olo xhwebhu futhi lowo ungumququzeli kufuneka afumane isiqinisekiso esibhaliweyo sokuba lowo umele amkele oloxwebhu uya kuba ekhona ngalo mhla;
 - ii. Lakuba uxhwebhu olo lwamkelwe, kufuneka ludluliselwe kuMphathi kaMasipala yena oya kufuna amagqabaza awo onke amacandelo kamasipala achaphazelekayo;
 - iii. UMqondisi: Wesebe Leenkonzo Zangaphakathi zakwaMasipala uya kuqokelela zonke iingxelo zamacandelo achaphazelekayo kamasipala aze aqulunqe ingxelo eya kwiKomiti ejongene nokuphendulwa kwezikhalazo.
 - iv. Xa kukho izikhalazo ezichaphazela amasebe kuRhulumente kaZwelonke okanye uRhulumente wePhondo ezo zikhalazo ziyakuthunyelwa kuloo masebe achaphazelekayo ukuze banikele amagqabaza abo. Kanti xa kubonakala ukuba kukho imfuneko yokuba kubizwe lamasebe ukuba aze kwintlanganiso, oko kuya kuququzelelwa ngumasipala ukuze kuxoxwe ezi zikhalazo.

- v. USodolophu weSigqeba, aMalungu eKomiti kaSodolophu, uMphathi kaMasipala kunye nabaQondisi bakhe baya kuyila iKomiti ejongene nokuphendulwa kwawo onke amaxwebhu ezikhalazo ezifunyenwe ngumasipala ukuze banike impendulo efanelekileyo ku luntu oluchaphazelekayo. UCeba weWadi kunye neKomiti yeWadi echaphazelekayo baya kubandakanywa xa kusingathwa olu xhwebhu lwezikhalazo.
 - vi. Zonke izikhalazo kufuneka ziqosheliswe kwiintsuku ezilishumi zokusebenza ukususela kumhla ezamkelwe ngawo, ukuze kunikelwe impendulo kwezi zikhalazo kusuku lweshumi elinesine ukususela kumhla esafunyanwa ngayo.
- c. Abahlali abanqwenela ukumatsha besisa uxhwebhu lwezikhalazo kwamasipala kufuneka bakwenzeke oko ngokuvisisana noMthetho woKuhlanganisana eSidlangalaleni (Public Gatherings Act). Ezi zilandelayo kufuneka Kubanjelelwe kuko ngokupheleleyo:
- i. Uxhwebhu lokucela ukumatsha kufuneka lufakwe kuMqondisi: Wesebe LeeNkonzo Zangaphakathi zikaMasipala kwiintsuku ezisixhenxe(7) zomsebenzi ngaphambi komhla wematshi ecetywayo;
 - ii. Kufuneka bafumane isiqinisekiso esibhalweyo esichazayo ukuba lo mntu bafuna azokwamkela uxhwebu uzabakhona; ekufuneka sifakwe ngaxeshanye nesicelo sokumatsha (Ukubamba umngcelele);
 - iii. Abaquzeleli bematshi kufuneka banikele ubungqina obooyisayo bokuba bayakukwazi ukulawula abantu ukuze bangenzi umonakalo kwizakhiwo nempahla zikaRhulumente kunye naleyo yabanye abahlali.
 - iv. Kufuneka babonise ubungqina bokuba banayo I-inshorensi ye-Public Liability, ukuze bakwazi ukuhlawula nawuphi na umonakalo onokudalwa ngabantu abamatshayo.
 - v. UMqondisi: Wesebe LeeNkonzo Zangaphakathi zikamasipala kufuneka afumane uluvo lwabo bonke abo bazakuchaphazeleka phambi kokuphumeza isicelo sematshi , yaye onke amagqabaza afunyenweyo amele aqwalaselwe ngocoselelo, kuquka nelungelo loluntu lokuba nenxaxheba kwimatshi enesidima nongcwangco ngaphambi kokuba asiphumeze isicelo sematshi.

8.3. Ufuno Luvo

- a. Umasipala kukufuneka azidine ngokufuna igalelo okanye izimvo zoluntu kwimiba ephathelene nokunikezelwa kwenkonzo ukuqinisekisa ukuba izidingo zoluntu zithathelwa ingqalelo.
- b. Ezi yeminye yemibandela efuna uluvo lwabantu:
 - i. Ukwenziwa kwe-IDP yakamasipala;
 - ii. Ukwenziwa kohlahlo-lwabiwo mali yakamasipala;
 - iii. Ekuqulunqweni koMgaqo-Nkqubo;
 - iv. Ukwenziwa koMthetho wakamasipala;
 - v. Ukuthathwa kwemali-mboleko;
 - vi. Naxa kuchongwa izibonisi zokuphawula indlela asebenza ngayo umasipala(PMS)
- c. UCeba wewadi ehlangene neKomiti yeWadi kufuneka bahlale intlanganiso nabahlali bewadi zabo ngokwahlukeneyo ukuqinisekisa ukuba zonke izimvo negalelo labahlali zifikelele kumasipala;
- d. Zonke iinkcukacha malunga nemiba ekufunwa kuwo uluvo lwabahlali ziyakukutshwa kwi-webhusayithi kamasipala, kwiphepha-ndaba i-Langeberg Express, Amaphepha-ndaba asekuhlaleni, kumathala eencwadi kunye nasezintlanganisweni;
- e. Abasebenzi bakwamasipala abakhoyo kwezontlanganiso bothi bancede abo banezidingo ezikhethekileyo kunye nabo bangakwazi kufunda nokubhala.

8.4 Ukuba negalelo kwizigqibo zikamasipala

Ngokuqhelekileyo, amalungu ebutho lasekuhlaleni anelungelo lokuba negalelo kwizigqibo ezenziwa ngumasipala. Eli lungelo linokuxhamlwa ngokusebenzisa iindlela neenkqubo ezi lungiselelwe oku kumthetho weSystems act okanye nawuphi na omnye umthetho. Olunye uhlobo lokuba negalelo kwizigqibo zikamasipala iba yikomiti eyenziweyo ecebisana nebhunga. Ibhunga likamasipala linokumisela ikomiti enye okanye nangaphezulu, yaye kusetyenziswa abantu abangengabo ooceba ukuba bacebise ibhunga ngawo nawuphi na umbandela oyinxalenye yemisebenzi kamasipala.

- b. Ibhunga lathi lamisela ezi foramu zilandelayo ukuze kukhuthazwe amalungu asekuhlaleni ekubeni babenegalelo kwiinkqubo zokuthatha-isigqibo:
 - i. Iikomiti zeWadi
 - ii. Indibaniselwano ejongene nokubuyiselwa komhlaba;
 - iii. Indibaniselwano yolutsha;
 - iv. Indibaniselwano ye-IDP (Noxa ingekaphunyezwa okanye ingekamiselwa)

- v. Indibaniselwano yoPhuhlisa ngeZoqoqosho (Noxa ingekaphunyezwa okanye ingekamiselwa)
 - vi. IBhodi Ecebisa Ngeendawo Ezikhuselweyo (Imimandla Yendalo)
- b. Zonke ezindibaniselwano zikhankanywe ngentla zothi zinciphane neBhunga kwimiba eyahlukeneyo ukuqinisekisa ukuba umasipala uthatha izigqibo ezizo ukuze kube nokuphuliswa inginqi yalo masipala.

9. Ulwalathiso lothatho-nxaxheba loluntu

Uthatho-nxaxheba loluntu yimfuneko engokwasemthethweni. Akunakwenziwa izicwangciso zophuhliso olunxibeleleneyo ezamkelekileyo ngaphandle kokubandakanywa koluntu. Ukwenziwa kwemigaqo-nkqubo, inkqubo yohlahlo-lwabiwo mali kwanendlela asebenza ngayo umasipala konke kufuna uluntu lubandakanyeke. Oku kufuna okokuba inkqubo yothatho-nxaxheba ihlengahlengiswe ukuze ifanele imeko nganye. Okulandelayo sisalathiso sothatho-nxaxheba esidwelise izinto ekunokuthathwa kuzo kuze kuveliswe inkqubo efanele imeko nganye.

Uluhlu lwamahlelo ezinto adla ngokufuna inkqubo yothatho-nxaxheba loluntu zezi zilandelayo:

- i. Ukwenziwa kwe-IDP
- ii. Ukwenziwa kwemigaqo-nkqubo
- iii. Ukwenziwa kohlahlo-lwabiwo mali
- iv. Ukucetywa koziswa kweenkonzo zikamasipala
- v. Nezinye iimeko ezahlukahlukeneyo

9.1. Ukwenziwa kwe-IDP

Uthatho-nxaxheba loluntu kwinqubo ye-IDP ngokuyintloko yenziwa ngokuvisisa nenkqubo ephunyezwe libhunga yaye kuyakusetyenziswa ezindlela zilandelayo:

9.1.1 Igosa Elisebenza nge-IDP

- a) Eli Gosa liya kuqulunqa inkqubo eya kulandelwa xa kusenziwa i-IDP kunye nohlahlo lwabiwo-mali ukuze yamkelwe ngabaPhathi BakaMasipala, iKomiti KaSodolophu kunye Nebhunga Likamasipala.
- b) Usebenzisa amajelo eendaba kunye nezinye iindlela zokubhengeza ukuze akhuthaze uluntu ukuba luthath' inxaxheba kwinkqubo yee-IDP.
- c) Uhlanganisa onke amagqabaza afunyanwe eluntwini kuquka nziphakamiso zeeprojekti ukuze zisiwe kumasebe kamasipala afanelekileyo.

9.1.2 Iikomiti Zewadi

- a) Zikhuthaza uluntu ukuba baye kwiintlanganiso zeIDP/Uhlahlo-lwabiwo mali;

- b) Onke amalungu eKomiti YeWadi amele abekho kulentlanganiso ukuze bancedisane nabo bajongelwe phantsi nabangakwazi ukubhala nokufunda.
- c) Ziyakhokela ekuququzeleleni uphuhliso ngokusekelwe kwinkqubo yokuceba ngokwewadi.
- d) Zihlolisisa zonke izindululo zophuhliso ezenziwe luluntu zize zigqibe ngezona ziphambili ezintlanu ekumele kuqaliswe ngazo.
- e) Zinika iincukacha ngeengxaki eziphambili zewadi.
- f) Zihlolisisa ukuba ziqhuba njani iiprojekti ze-IDP kwiwadi zazo.

9.1.3 Indibaniselwano Yabameli Be-IDP

- a) Kuya kusekwa Indibaniselwano Yabameli Be-IDP ukuze kuxutyushwe i-IDP esayilwayo. Ngokusekwa kwalendibaniselwano kuthenjwa okokuba eli liyakuba lelinye inyathelo lokuqinisekisa ukuba i-IDP igqibelele, isekuhleni kuye wonke ubani nokuba iquka wonke umntu.
- b) Le ndibaniselwano iyakubandakanya imibutho ekummandla walomasipala, ebenzisana noluntu yaye ebhalisiweyo kuluhlu lwemibutho lukamasipala.
- c) Indibaniselwano Yabameli Be-IDP iyakuyilwa ngoluhlobo:
 - Amalungu eKomiti KaSodolophu;
 - Imibutho Yoluntu Yasekuhlaleni;
 - Imibutho Yoosomashishini;
 - Imibutho Yabucala engekho phantsi koRhulumente;
 - Amasebe kamasipala;
 - Abameli bomasipala wenqila.

9.1.4 Amajelo Eendaba

- a) Izindululo zoluntu zinokufunyanwa xa abantu besabela kwizibhengezo ezifakwe kumajelo eendaba nakwiWebhusayiti kamasipala.
- b) Inkqubo eyakulandelwa ye-IDP imele ibhengezwe kwiWebhusayiti kamasipala nakumathala eencwadi.
- c) Yona i-IDP imele ifumaneke kwii-Ofisi zikamasipala, kumathala eencwadi nakwiwebhusayiti kamasipala.

9.1.5 Izindululo Ezibhaliweyo

Amalungu ebutho lasekuhlaleni anokuthatha inxaxheba ekuvelisweni kwe-IDP ngokufaka amagqabaza abhaliweyo kwisebe le-IDP ngokwemihla ebhalwe kwizibhengezo zikamasipala.

9.2 Ukwenziwa komgaqo-nkqubo

Xa kusenziwa umgaqo-nkqubo uthatho-nxaxheba loluntu luya kwenziwa ngoluhlobo:

9.2.1 Ikomiti yePotfoliyo

- a. Ikomiti nganye inegunya lokuhlolisisa umgaqo-nkqubo kwisebenzi eyabelwe yona.
- b. Wakuba wamkelwe umgaqo-nkqubo, iKomiti iyakuwubhengeza imema uluntu ukuba luhlomle kuphela ukuba lomgaqo-nkqubo usebenza kuwonke-wonke.
- c. Le komiti iyakubamba intlanganiso ukuze inike ithuba lokuva iimbono zabo bafuna ukuvela phambi kwayo baze bazithethele ukongezelela kumagqabaza abhaliweyo aye enziwa.
- d. Onke amagqabaza aye afunyanwa aya kuhlolisiswa yiKomiti kuze emva koko kwenziwe isindululo kuSodolophu Wesigqeba ngomgaqo-nkqubo omelwe udluliselwe kwiBhunga likaMasipala ukuba uphunyezwe.

9.2.2 Ikomiti Zewadi

- a. Njengenxalenye yemfuna-luvo, umgaqo-nkqubo osenziwayo uya kusiwa kwiiKomiti zeWadi ukuze nazo zinikele amagqabaza.
- b. Onke amagqabaza eeKomiti zeWadi aya kufakwa kwimizuzu yayo zize zithunyelwe kwiKomiti yePotfoliyo, akusayi kwamkelwa amagqabaza enziwe ngamalungu ngamanye eKomiti yeWadi nje ngenxalenye yamagqabaza eKomiti yeWadi.

9.3. Inkqubo Yokwenziwa kohlahlo-lwabiwo mali

- a. Inkqubo yokwenziwa kohlahlo-lwabiwo mali iqaliswa nokuphunyezwa kwesiGcwangciso-Nkqubo ye-IDP liBhunga likaMasipala.
- b. ICandelo elijongene ne-IDP, uCeba weWadi kunye neKomiti yeWadi ngabo abenza ufuno luvo lwalo lonke uluntu ukuva ukuba zithini iimfuno zophuhliso zoluntu.
- c. Zonke iimfuno ezivakaliswe ngokwale nkqubo zoba zizo ekusetyenzwa ngazo zihlengahlengiswe ngexesha lenkqubo yokwenziwa kweSigcwangciso seNkonzo zeWadi.
- d. IKomiti eLawula ukuqulunqwa koHlahlo-lwabiwo mali inembopheleleko yokunqulunqa uhlahlo-lwabiwo mali yeminyaka emithathu elandelayo (MTREF).
- e. Yakuba luqulunqiwe uhlahlo-lwabiwo mali, uSodolophu uya kuluthi thaca kwintlanganiso yebhunga kunye nomgaqo-nkqubo olawula izimali, kunye ne-IDP.

- f. Uhlahlo-lwabiwo mali, umgaqo-nkqubo ehambisana nayo kunye ne-IDP esaqulunqwayo iya kubekwa kumathala eencwadi zikamasipala, iiOfisi nakwiWebhsayiti ukuqinisekisa okokuba wonke umntu uba nethuba lokuzibona ukuze bafake amagqabaza ngazo.
- g. Uceba weWadi kunye neKomiti YeWadi banembopheleleko yokucacisa uHlahlo-lwabiwo mali, nomgaqo-nkqubo ohambisana nalo kuquka ne-IDP. (Uceba kunye neKomiti yeWadi baya kufumana inkxaso kumagosa kaMasipala).
- h. Ukuze kuqinisekisewe okokuba wonke ubani wazisiwe ngezintlanganiso, kuya kwenziwa izibhengezo kumaphendaba asekuhlaleni, nakwiwebhusayiti kamasipala. Kuya kwenziwa izaziso nakonomathotholo kwaye kusetyenziswe ne-sms kwabo inombolo zabo zibhalisiweyo kumasipala.
- i. Ukongezelela koku kukhanywe ngasentla, umasipala uya kudlana indlebe nemibutho yezoshishino, eyasekuhlaleni nemibutho engekho ngaphantsi kukarhulumente ebhaliswe kuluhlu lukamasipala.
- j. Onke amagqabaza aye afunyanwa ebudeni bemfuna-luvo kuquka namagqabaza abhaliweyo aya kudluliselwa kwiKomiti elawula ukuqulunqwa kohlahlo-lwabiwo mali ukuze afumane ingqwalasela kuze emva koko uSodolophu enze isindululo kwibhunga sokuba luphunyezwe oluhlahlo-lwabiwo mali.

10. Abantu Basembindini Wophuhliso (Umqokumbelo)

Lomgaqo-nkqubo ukhuthaza ibutho loluntu ukuba libandakanyeke ngokupheleleyo ekulawuleni indlela abaphuhliswa ngayo, yaye balibange ilungelo labo nokuqhelisela imbopheleleko yabo yokuba nenxaxheba kulawulo lwezinto kwiwadi yabo. Ukusetyenziswa kwalomgaqo-nkqubo kunika uMasipala waselangeberg ukuba amiliselwe ngokupheleleyo kuluntu lwalomasipala baze abantu bona babesembindini wophuhliso.

11. Ukuphunyezwa kunye noKwamkelwa

a) Ityikitywe nguMphathi kaMasipala

Umhla:

Ityikitywe nguSomlomo

Umhla:

b) Umgaqo-nkqubo wamkelwe liBhunga: Isindululo

Umhla: _____